

Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English/isiXhosa

| November 2017 Edition 1

EPWP is creating jobs



Rand West Municipality empowers youth

Page 4



New clinic brings relief

Page 6

COMMUNITY MEMBERS of Thaba Nchu in the Free State, are enjoying the benefits of the Expanded Public Works Programme (EPWP).

Edwin Tshivhidzo

Deputy President Cyril Ramaphosa says he is impressed with how the EPWP is improving the lives of these residents.

The skills being imparted to local community members, as well as the stipend they earn, are helping them live a better life.

"Government is touching the lives of our people, and we are very impressed with that," he said when addressing residents after visiting various EPWP projects in the province.

The Deputy President confirmed that the EPWP is one of government's flagship programmes.

It is aimed at providing income relief through

temporary work for the

"I am happy that I am now able to support my family. I am happy with what our government is doing for us."


unemployed, and pro-

vides an important avenue for labour absorption and income transfers to poor households, in the short- to medium-term. Accompanied by cabinet ministers, the Deputy President visited the Thaba Nchu Bus Route Project and the Thaba Nchu Ratlou Complex.

● **Cont. page 2**



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0405

Free Copy

"Using the power you derive from the discovery of the truth about racism in South Africa, you will help us to remake our part of the world into a corner of the globe on which all - of which all of humanity can be proud."

Oliver Tambo - Georgetown University, January 27, 1987

Life and legacy of
OR TAMBO.
100 YEARS



Kukhalimele ukuxhatshazwa kwabantu emakhaya

IPHULO LOKUFUNDISA NGOXHATSHAZO ELIQHUBA IINTSUKU EZILI-16

elibanjwa rhoqo ngonyaka lenza konke ukuxhobisa abemi boMzantsi Afrika ukuba balwe ukuxhatshazwa kwabasetyhini nabantwana.



Dineo Mrali

“Waye wandi-krwitsha ngeqhina waze wandintywilisela emanzini asekomini ukuze ndingakwazi ukuphefuma. Emva kwemizuzwana embalwa, wandikhupha, wandiqhwaba ngempama.”

La ngamazwi avisa ubuhlungu omntu owayelixhoba lokuxhatshazwa ekhayeni lakhe uMara Glennie (one-minyaka engama-65 ubudala) waseRhawutini.

UGlennie ubalisa eli bali lakhe ngendlela awaxhatshazwa ngayo ngumyeni wakhe ababasele beneminyaka eli-19 betshatile.

“Ndachitha iminyaka eli-10 ndihamba kwiindibano zokuthuthuzela ngeengcebiso, kunye nabahlobo ababesoloko besecaleni kwam, into eyandithwalayo ndade ndaza kufika kule ndawo ndikuyo ngoku”, utshilo esongeza nokuba nangona wayephila ubomi bokungcungcutheka, uyakwazi

“Ukuba uziva ngathi ulixhoba lokuxhatshazwa ekhaya, yiya kwiNkundla kaMantyi ekufutshane nawe ufune uncdo ngendlela onokufumana ngayo umgqaliselo wenkundla oza kukhusela.”

ukuzivuthulula, anxibe enze izinto afuna ukuzenza yonke imihla kodwa uncda abanye abantu abangamakhoba alo mkhuba. Nangona wachitha iminyaka ephila ngokuthukwa nokubethwa zange amshiye umyeni wakhe ngenxa yokuba wayecinga ukuba uyamthanda kwaye ungundofanaye wakhe. “Ndandingakwazi ukubaxelela abantu basekhaya ngale nto yayisenzeka kum njengoko babebona umtshato wethu njengongumzekelo nongenazingxaki.”

Emva kokuba ehleli iminyaka exhatshazwa, wathi akuva ukuba umyeni uyahambisana

ecaleni waqonda ukuba umtshato wakhe usekelwe ebuxokini, waye wathatha isigqibo sokuba awuqhawule umtshato. Umyeni wakhe waye wazama ukuxolisa kuye, kodwa wathi akungalamkeli uxolo lomyeni, umyeni wajika wasisilwanyana esimbetha nangaphezulu kunakuqala.

Kulapho wathi wambetha, waze ke ngoko waya kummanqalela emapoliseni.

Kwathi ke emva kweeveki ezimbalela, wawuqhawula umtshato, wabuyela ekhaya eGeorge, eNtshona Koloni kuba efuna ukuya kuhlala kowabo.

“Ngeloxesha, ndandifuna abantu basekhaya, endandibazi ukuba bayandithanda.”

Uyayibethelela into yokuba, abantu abakule meko bafuna abantu abaza kulilela kubo, abantu bakowabo nezihlobo.

Ngoncedo lwabo, waye naye waziva engumntu waza wabuyela eRhawutini apho waqala i-TEARS, engumbutho ongenzi nzuzo onceda abantu abangamakhoba okudlwengulwa nokuxhatshazwa ngesondo.

Ukusuka ngomhla wama-25 kweyeNkanga ukuya kutsho kowe-10 ngeyoMnga, uMzantsi Afrika ubamba iphulo leeNtsuku ezili-16 lokuLwa ubuNdlolobongela obuJoliswe kwabaseTyhini naBantwana, elikwaliphulo lehlalathi lokufundisa ngoxhatshazo.

UGlennie uthi, nge-TEARS, unethemba lokuba uza kufundisa abantu abaninzi ngomba wokuxhatshazwa emakhaya futhi akwazi nokunceda amakhoba okuxhatshazwa. “Ndiziva ndichulumance kakhulu kukwazi ukubandenza umahluko ebantwini,” utshilo. **U**

Ukuxela ubundlobongela obenzeka ekhaya tsalela:

- **I-SAPS Crime Stop ku: 08600 10 111**
- **Iziko loNcedo leSebe loPhuhliso loLuntu elisebenza ubusuku nemini : 0800 428 428 (inombolo engahlawulelwayo) – abo bafuna uncdo bangathetha noonotlalontle bafune uncdo okanye iingcebiso nentuthuzelo.**

***UDineo Mrali usebenza kwiSebe lezoBulungisa noPhuhliso loMgaqo-siseko.**

Yintoni ubundlobongela basekhaya?

NgokukaMatome Modiba, igosa lezomthetho kwi-Ofisi yeNgingqi yaseGauteng yeSebe lezobuLungisa nokuPhuhliswa koMgaqo-siseko, ubundlobongela basekhaya lulo naluphi na uhlobo lokuxhaphaza, nokuba kukubethwa emzimbeni, ukuxhaphaza ngokwesondo, ukungcungcuthekisa emphefumleni, engqondweni okanye ukuvinjwa okanye ukuthathe-lwa imali ngenkani.

Oku kuquka ukonakalisa impahla, ukulandelwa ngumntu ngeenjongo zokuvisa kabuhlungu, ukungena endlwini yomntu ngaphandle kwemvume yakhe kunye nayo nayiphi na into oyenzayo ebuhlungu emntwini okanye yokufuna ukulawula umntu engathandi apho ezo zinto zonzakalisa impilo nobomi bakhe.

UModiba uthi ukuba ezi ntlobo zokuxhaphaza ziyenzeka, abantu bangacela inkundla ukuba ikhuphe umgqaliselo wokuba loo mntu ubaxhaphazayo angasondeli kubo into leyo iza kwenza lo menzi wobubi angabinayo indlela yokuxhaphaza kwakhona.

“Umntu angacela

inkundla ikhuphe lo myalelo iwuthumele kumntu atshate naye, nokuba batshate ngokwesiNtu okanye ngokwesiLungu. Oku kuquka iqabane, nokuba lingumntu wesini esinye, ohlala nalo okanye owakhe wahlala naye, nangona naningatshatanga.

“Ukuba uziva ngathi ulixhoba lokuxhatshazwa ekhaya, yiya kwiNkundla kaMantyi ekufutshane nawe ufune uncdo ngendlela onokufumana ngayo umgqaliselo wenkundla oza kukhusela.”

Unobhala wenkundla uza kuncda abo banezikhalazo bagcwalise zonke iifomu ezifunekayo umantyi yena uza kuthatha isigqibo sokuba awukhuphe na umgqaliselo okanye hayi.

“Kwimeko ezingxamisekileyo, olu ncedo luyafumaneka imini nobusuku,” utshilo uModiba.

Abo bafuna ukuxela ize-nzo zokuxhatshazwa bangaya kwinkundla ekufutshane kwindawo abahlala okanye abasebenza kuyo.

“Ukuba uye wanyanzeliswe ukuba ulishiye ikhaya lakho kuba u-

phethwe kakubi ngoku usahlala kwenye indawo okwethutyana, ungaya kwinkundla ekufutshane nale ndawo uhlala kuyo okwethutyana.”

Umgqaliselo wenkundla wethutyana kufuneka uthunyele kummanqalelwa ngokukhawuleza.

“Awukwazi ukuwusa ngokwakho buqu umgqaliselo wenkundlakulomntu ummangaleleyo njengoko oku kungavumelekanga ngokomthetho. Ngamanye amazwi ukuthumela umgqaliselo wenkundla wethutyana ngumsebenzi womntu oligosa elisemthethweni, umntu ofana nepolisa, unothimba okanye unobhala wenkundla.”

Uthi ukuba ummangalelwa uyayophula imiqathango yomgqaliselo wenkundla, kufuneka kufakwe isikhalazo kwisitishi samapolisa esikufutshane. Kuza kukhuthwa umyalelo wokuba mba ummangalelwa ukuba kukho imfuneko.

“Akubaebanjiwe ummangalelwa uza kubekwa ityala aze aye kuxoxa kwinkundla yamatyala ngokophulo umgqaliselo wenkundla.”

People with disabilities on the move

THE ETHEKWINI Municipality's Dial-A-Ride initiative has made moving around the city much easier for people with disabilities.

Hlengiwe Ngobese

In a bid to ensure that People with disabilities make a meaningful contribution to the mainstream economy, the eThekweni Municipality has set aside R30 million for the operation and maintenance of specially-adapted buses.

Through the Dial-A-Ride fleet initiative – introduced in 2011, commuters call a custom-designed bus to transport them to and from their workplace. The vehicles offer a demand-responsive public transport service for people with disabilities. About 4 000 people are registered for the service, with an average of 2 400 passengers a month.

The service is mainly used by wheelchair users and visually impaired people. eThekweni Transport Authority (ETA) Deputy Head for Public Transport, Mlungisi Wosiyana, said

Dial-A-Ride was established to ease challenges faced by people with disabilities in accessing mainstream public transport services, like buses and taxis.

“The city introduced the service as an interim measure to address this challenge,” he said, adding that the door-to-door transport service has been prioritised for people who need to get to work. It is also used during off-peak times to transport people to clinics and for social and religious trips. The buses can be hired and used to transport people with disabilities to special events.

The buses, which can accommodate between five and seven wheelchairs and people on crutches in fixed seats, have SABS-approved hydraulic lifts to ensure safety. Ten of the fleet’s 12 vehicles are fully operational. The other two are only used when there is a demand. Because safety is of paramount importance,



■ Former eThekweni Municipality Speaker Cllr Logie Naidoo, ETA's Shoneeze Franks (in red) and Logan Moodley watch as driver Mfanafuthi Ngcobo and Dial-A-Ride user Sboniso Dlamini demonstrate how the lift of one of the new GO!Durban Dial-A-Ride buses works.

the vehicles’ roadworthiness is regularly checked and the drivers have been given vehicle and passenger care training.

One of the Dial-A-Ride com-

muters, Sboniso Dlamini, who uses the service to travel to work every day, said the buses are a relief. “The drivers help us get into the bus and fasten our

seat belts. With public taxis, we are not given even the chance to sit because taxi drivers are always rushing to pick up at the next stop,” he said. ■

I-R5 entsha yenziwe egameni lika-OR Tambo

IINGQEKEMBE zokubhiyozela nezisikhumbuzo ziza kunceda ukugcina ilifa kunye nebhongo loMzantsi Afrika.



Nonkululeko Mathebula

Njengoko ilizwe libhiyozela iminyaka elikhulu yokuzalwa kwengqanga ababeyikhuz’ukuhlaba ingekahlabi kwiHlabathi liphela u-OR Tambo, i-Bhanki enguVimba yoMzantsi Afrika (i-SARB) ivelise i-R5 entsha eza kuhlonipha yena.

Le ngqekembe - ibhiyozela ukuzalwa kwakhe – iyinxalenye yeengqekembe ezi-

ne ezisisikhumbuzo nezokubhiyozela ubomi beli gqala lomzabalazo lingasekhoyo. Ezinye iingqekembe ezi zintathu ziluhlobo olubiza imalinenzi ubani anokuzigcinela lona kuba zona azizukukhutshwa zisasazwe eluntwini.

Ziboniswe uluntu okokuqala kwizikolezenkcubekoi-ORTambo Cultural Precinct eBenoni empuma yeRhawuti kutsha nje, ezi ngqekembe zigxininisa indima eyadlalwa ngu-OR Tambo kwidabi lokulwela inkululeko yeli loMzantsi

Afrika.

Ethetha ngethuba kusaziswa le ngqekembe okokuqala eluntwini iRhuluneli ye-SARB uLesetja Kganyago uthe ezi ngqekembe zihlonipha indima eyadlalwa nguTambo kwidabi lomzabalazo wokulwala ucalu-calulo.

“Ezi ngqekembe esele zikhona zithwele isidima nesithozela kwaye ziza kuqhubela imisebenzi ka-Oliver Tambo phambili.

“Indlela awayeziphatha ngayo uTambo yayinesidima, isekelwe kwi-ntembeko kunye nokuphendula ngezenzo zakho, ezi ke zimpawu ezibaluleke kakhulu kwi-SARB,” utshilo uKganyago.

Kweli cala lingasemva lale ngqekembe iza kusasazwa ebantwini kukho umfanekiso wembasa ejingiswa emqaleni enomhombiso kunye nowentonga yokusimelela lize lona

elicala libubuso libe nomfanekiso wembasa yesikhulu, unyaka ekhutshwe ngawo kunye negama ‘lelizwe loMzantsi Afrika libhalwe ngesiNgesi neXitsonga.

Ezi ngqekembe ziqokelelwayo azitshintshwa ngemali ezibhankini kwaye azithengi

“Iingqekembe eziveliswe yiBhanki enguVimba yoMzantsi Afrika kunye ne-South African Mint azintlanga nje kuphela koko zingumzekelo welifa lethu.”

ngeli thuba zona ezinye zinexabiso elileli libhalwe kuzo ke ngoko kufuneka umntu azisebenzise angazigcini, ukuze nabanye abemi boMzantsi Afrika bafumane ithuba loku-ba nabo babe nazo, bazibuke. Unyana ka-Oliver Tambo

uDali Tambo uthi belikhaya baziva benelunda ngezi ngqekembe.

“Iingqekembe eziveliswe yiBhanki enguVimba yoMzantsi Afrika kunye ne-South African Mint azintlanga nje kuphela koko zingumzekelo welifa lethu. Zingase-tyenziswa njengesikhumbuzo nokuzibophelela kwethu kwinqobo nezinto utata wethu awayezixabise ngentliziyo yakhe yonke.

“Umthandazo endinawo ngowokuba nenze nezinye iingqekembe eziza kuba nemifanekiso yamagorha afana noChris Hani namanye adlala indima enkulu. Ndiqinisekile utata wam naye ebenokuwuxhasa lo mbono,” watsho uDali.

‘U-Oliver Tambo wazalwa ngomhla wama-27 kweyeDwarha ngowe-1917, kwaye wayelitshantliziyo elalichasene nocalu-calulo, futhi wayenguMongameli